basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2018

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha angama-23.

EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. (Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye loncwadi).
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.
7. *Imibuzo esisincoko.*
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.
8. *Imibuzo emifutshane*.
   Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. Kwimibuzo evulelekileyo, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.
11. Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

IMIHOBE EFUNDISIWEYO

UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

'UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE' – SEK Mqhayi
('Ndesuka ndingunina kwaSirayeli' (Gwebi 5:7)

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-22 ukuhlola lo mbuzo.

- 'Shukumani bafazi' – Imbongi ifuna abafazi baphakame benze imisebenzi kaMaxeke, bazeke mzekweni.
- 'Ushenxil' uMamarhixirhixi – Igama 'ushenxile' libhekisa kwimeko yomntu okanye into esuke kwindawo ebikuyo, yahlala okanye yema kwenye. Ngeli gama 'ushenxile' imbongi ihlonipha ukuba umama uMaxeke akasekho, ubhubhile. Eli gama likwabethelela ukuba, nangona eswelekile ufana nokhoyo kuba umzila wobukho bakhe esizweni uyabonakala ngemisebenzi yakhe emikhulu. Umbhali unxulumanisa igama 'uMamarhixirhixi' nemisebenzi yakhe ejongelwe okanye engafunwayo ngabantu abaninzi. Ibonisa ukuba usebenza kanye ngabantu abangooncanyelweni nabangahloniphekanga kuluntu.
- 'Ufinyis'amagruxu' - Ucoca abo banyeliswa ngokunganeli, nabacekiswayo, ukubonakalisa inkathalo yakhe engakhethe mntu.
- 'Ushenxil' okad'esakh'umzi'- Ukushenxa kulo mqolo kugxininisa ukuba isikhukukazi esingumama uMaxeke ebesifukame isizwe ngokubanzi asisekho. Imbongi ibhekisa kuye njengomntu 'obekad' esakh' umzi', ngokwenza njalo ibethelela ukuba umama uMaxeke ubhubhe esaqhubeka nokusebenzela isizwe. Lilonke, kumke umntu obe lulutho kwisizwe siphela ngemisebenzi yakhe.
- 'Egutyul'iirhanga namanxila' – Ucokisisa ekutshintsheni iimpilo zabo abazincamele etywaleni nabancanywa komawabo behleli kwiindawo ekungafikeleli nabani na kuzo.
- 'Egodusa'amahilihili'agoduke - Uqinisekisa ukuba wonke umntu ongasafuni kugoduka uyagoduka, wenza iinzame zokuba amatshipha abuyele emakhaya.
- 'Kubuy'amadungudwan'emazweni'- Igama 'amadungudwane' libhekisa kubantu abangamahilihili ngokwentlalo kanti nangokwengqiqo, besenziwa ziimeko zentlalo kanti nangokungaqondi imvelaphi yobuzwe babo. Kwimisebenzi yakhe ebehlaba ikhwelo lebuyambo, nokuba wonke umntu abuyele ekhaya. Wenza i-Afrika ukuba ibe likhaya elinqwenelekayo nakwabo balishiyayo.
- 'Itye lesiseko seTiyopiya' - Imbongi ibonisa ukomelela nokuba nomqolo kwakhe njengesiseko saseTiyopiya.
- 'Maz'emabele made yase-Afrika - Unxulunyaniswa nemazi ebhonxileyo enamabele okondla abantwana be-Afrika iphela ukubonakalisa ukuba kuzuza i-Afrika yonke ngemisebenzi yakhe.
- 'Okwanyisa usapho lukaNtu luphela' - Ibonisa ukuba akakhethe bani kuzuza uluntu lonke ngemisebenzi yakhe emihle.

- 'Azi nonyaka yaphusile nje'
  'Logangwa yintokazi kabani?' - Le miqolo ibonakalisa ukuba njengokuba esweleke kungalindelwanga kusekuninzi ekufuna ukulungiswa ingaba ukhona na umfazi onokubamba ngokukhawuleza indawo yakhe?
- 'Menzelen'ilityе lokukhunjulwa
  'Ze siqhayisele ngal'amavilakazi' - Le miqolo ikhuthaza ukuba makenzelwe isikhumbuzo sokufa kwakhe ukuze abo bangamavila nabangafuni ukwenza nto babe nekhwele ukuze nabo bazeke mzekweni.
- Imiqolo enophindaphindo 'Az' angaz'alityalwe kowabo;
  Az'angaz'alityalw'emhlabeni;
  Az' angaz'alityalw' –eAfrika! - Ibonisa ukuba imisebenzi yakhe iya kuhlala ihleli kwilizwe liphela, loo nto ithi isizwe sakuhlala simkhumbula ngemisebenzi yakhe.
- Nci! Ncincilili! – Apha imbongi iphuhlisa ukuba yimbongi yomthonyama kwaye igqibile ukubonga.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe

2.1 Luphuhlisa isantya esiphezulu elibaleka ngaso iqegu lomlilo √√. (2)

2.2 Uphawu lokhuzo lusetyenziselwe ukugxininisa indlela amthanda ngayo.√√/Uphawu lokhuzo lusetyenziselwe ukwenza ukuba kuqatshelwe imvakalelo malunga nemibono anayo ekunye nesithandwa sakhe.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.3 Le miqolo mibini ayilingani√√/umqolo we-12 wakhiwe ngamagama ama-4 kanti owe-13 unamagama amabini.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.4 Imbongi yonwabile√ kuba inethemba nemibono yokudibana nesithandwa sayo kwelemimoya.√ (2)

2.5 Uthando olululo alwahlulwa nto.√√ Umntu onothando olunyanisekileyo uxolela ukunyamezela nantoni na xa efuna ukubonana nesithandwa sakhe.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

'ITHEMBA' – SEK Mqhayi

3.1 Lusetyenziselwe ukwakha umbuzo-buciko.√√ (2)

3.2 Imiqolo ayilingani√√/umqolo wesi-5 unamagama amabini kanti umqolo wesi-6 unamagama ama-3.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

3.3 Siphuhlisa ukuba ithemba lingundoqo ebomini bomntu.√√ (2)

3.4 Injongo yembongi kukukhuthaza abantu ngokubaluleka kwethemba√√/ Kukugxininisa ukubaluleka kwethemba ebomini.√√ (2)

3.5 Ukuba ubomi abukho ngaphandle kwethemba.√√/Ithemba libalulekile ebomini bomntu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

'INTLIZIYO YAM' – C Nqakula

4.1 Uphawu lokhuzo lusetyenziselwe ukugxininisa ukungagqibeki kwentliziyo.√√ (2)

4.2 Izinto eziza zingabonwa ngenxa yexesha eziza ngalo.√√ (2)

4.3 Le miqolo ayilingani√√/umqolo we-13 unamagama amane kanti umqolo we-14 unamagama amahlanu.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.4 Imbongi ikhathazekile√ kuba intliziyo iyingxaki ngenxa yamacala ayo amabini.√ (2)

4.5 Intliziyo iyingxaki kuba inamacala amabini elinye lihle elinye libi√√/Intliziyo ngumkhohlisi kwakumniniyo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
[10]

SIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (SINYANZELEKILE)

UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

IKRISMESI – MG Mdliva

5.1 Inkwenkwezi isetyenziswe njengomqondiso wokhanyo.√√ (2)

5.2 Le miqolo ayilingani √√/umqolo wesi-5 unamagama ama- 3, kanti umqolo wesi-6 unamagama ama-4.√√ (2)

5.3 Uphuhlisa ubuhle nokubukeka kwamakhaya ngomhla weKrismesi.√√ (2)

5.4 Imbongi yonwabile√ kuba lusuku lokubhiyozela ukuzalwa kukaYesu kwihlabathi lonke.√ (2)

5.5 Umhla weKrismesi ngumhla wochulumanco nemibhiyozo kwilizwe liphela.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI

UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INKAWU IDLIW' ILILA – S Kula

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Kule noveli umlinganiswa oyintloko onguThantaswa, ubonakala ethatha izigqibo ezitshintsha ubomi bakhe. Ibali eli luhlobo lwebali olusekelwe kwiintshukumo zabalinganiswa.

- UThantaswa ongumlinganiswa oyintloko kule ncwadi, wenza isigqibo sokuba athandane noMsindisi Yangaphi kuba embona efumile.
- Esi sigqibo simkhokelela ukuba alahle isithandwa sakhe uMfuneko nasele enomntwana kunye naye.
- Uthatha isigqibo sokutshata noMsindisi, athi sele etshate naye kube kubi kungabikuhle emtshathweni wabo kuba umyeni wakhe efuna ukuzeka isithembu.
- Iimeko ezingentle emtshatweni zimenza athathe isigqibo sokubuyelana noMfuneko, utata womntwana wakhe, ngelithi akonwabanga kumtshato wakhe noMsindisi.
- Ukubuyelana kwakhe noMfuneko kumbeka esichengeni sokuphantsa aphelelwe ngumendo xa uMsindisi embhaqa ukuba unekrexe.
- Akubhaqwa uThantaswa, wenza isigqibo sokuba aye kuhlala ixesha elininzi ezilalini zomzi wakhe, alungise umzi ngelizama ukuba athenjwe ngabantu bomzi nangumyeni.
- Umnqweno wokunga angafana noNompumelelo ongusomashishinikazi ngenxa yokuba washiywa nelifa ngumyeni wakhe, nesigqibo sikaMsindisi sokuzeka isithembu simenza afikelele kwisigqibo sokuba abulale uMsindisi, ukuze abenokufumana ilifa, abenalo nethuba ekudala elilangazelela lokulawula namashishini kaMsindisi.
- Esi sigqibo simdibanisa mpela noMfuneko othi akusiva abone icham lokutya imali yelifa yomhlolokazi. Uba lixhoba likaMfuneko engaqondi.
- Isigqibo seyelenqe lokubulala uMsindisi simenza axhomekeke kakhulu kuMfuneko kuba inguye oza kumnceda ukufeza oko. UMfuneko umthembisa ukuba uza kwenza iindlela zokuba ityala lingasondeli kuye.
- Ugqiba ekubeni athenge ootsotsi ukwenza eli sikizi, ze uMsindisi agwintwe esendleleni eya eThekwini.
- Isigqibo sokubulala uMsindisi, simenza asale esisisulu sokutyelwa imali nanguNompumelelo owenza ngathi uyamnceda ekuqhubeni amashishini kanti uneenjongo ezingezizo.

- Isigqibo sokubulala uMsindisi sakufezeka sibutshintsha mpela ubomi bukaThantaswa kuba uphela eba yinxalenye yamayelenqe okuzama ukubulala uMapheza ngeenjongo zokuzisindisa ekubanjweni.
- Akurhanelwa de kucace ukuba nguye umbulali, iimali nezinto zikaMsindisi zithathwa ngurhulumene azibeke elugcinweni, asale uThantaswa enganamali.
- Oku kudala iingxabano phakathi kwakhe noMfuneko.
- Ekugqibeleni akuqonda ukuba akukho ukuphuncuka, ityala lijongene naye, nootsotsi bachaze inyani, uzibona enganakho ukubhadla ejele, uthatha isigqibo sokuzibulala.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

7.1 Weba ifayili kaMsindisi enolwabiwo lwelifa kwiofisi yabo, wayifunda.√√ (2)

7.2 UThantaswa akazange alifumane ilifa likaMsindisi. (2)

7.3 Isipaji, iwotshi, unomyayi onekhompyutha.√√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.4 UNcedeka Sikhalazo owayeligqwethakazi kwakwiofisi ephangela uMdlambila wayekhe wayivula ifayili yelifa likaMsindisi Yangaphi wayifunda weva ukuba ilifa labelwe uPhumlani.√√ (2)

7.5 Wayejonge ukuba afumane intlawulo yesigidi seerandi kwelo lifa likaMsindisi. √√ (2)

7.6 Yimpixano yangaphakathi.√ Kuba uThantaswa akathulanga nje uyacinga uphethwe lixhala lomba welifa likaMsindisi ekucaca ukuba liyaxoxisa.√ (2)

7.7 Luzobo-ngqo.√ Kuba umbhali umchaza ngokwakhe uMdlambila kwesi sivakalisi.√ (2)

7.8 Walunyukiswa nguNontsikelelo ukuba azimele emke kuba uSiphongo wayeneenjongo zokumtshisela kwityotyombe awayemlalise kulo√√/ UNontsikelelo wamchazela ngeyelenqe likaSiphongo noMfuneko lokumbulala.√√ (2)

7.9 Simveza njengomlinganiswa onomqolo√ kuba unyanisekile emsebenzini wakhe wobupolisa kwaye akanalusini nakubani na othe waphula umthetho.√ (2)

7.10 UMfuneko waxokisa uNqoza ngokuthi nguMapheza owammpimpa ngokuza emsebenzini enxilile yabe inguye, kuba efuna uNqoza amncedise ekubulaleni uMapheza kwaye asenge neendaba ngophando.√√ (2)

7.11 Ungumlinganiswa ongumchasi.√ Kuba nguye olwa ukuba uThantaswa ongumlinganiswa oyintloko angalizuzi ilifa likaMsindisi alifunayo ngokuthi amveze ukuba nguye umbulali.√√ (3)

7.12 Ixesha√ nendawo eliqhubeka kuyo ibali.√ (2)
[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-22 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Kule noveli umlinganiswa oyintloko onguThole, ubonakala ethatha izigqibo ezitshintsha ubomi bakhe. Ibali eli luhlobo lwebali olusekelwe kwiintshukumo zabalinganiswa.

- UThole akuzibhaqa eseBhayi engazi nokuba wahlukene njani nooThemba, uthatha isigqibo sokuba aye kufuna umsebenzi.
- Endleleni eya apho uhlangana noNomsa agqiba ukuba acele uthando kuye.
- Isigqibo sokuzihlobanisa nale ntokazi simbeka kwimeko enzima yokuzibhaqa ejamelana nokufa emehlweni xa ahlanganyelwa nguJoe neqela lakhe.
- Akusinda cebetshu ngokuba kuthi gqi iveni yamapolisa sele eza kubulawa uthatha isigqibo sokuba alishiye iBhayi abuyele kokwabo.
- Endleleni egodukayo ubuya ahlangane nooThemba abambizela kwimoto abathi iya eGcuwa kanti akunjalo. Ufumanisa endleleni ukuba ibheka ngaseKnysna.
- Yakuphelelwa ngamafutha endleleni umqhubi ubashiya esithubeni bazibhaqe besesichengeni sokuhlaselwa ziingonyama kumahlathi aseKnysna.
- Ebona ziqwenga abahlobo bakhe, uthi sele ebaleka agqibe ekubeni ajike akhase ayihlangabeze, suka ibaleke.
- Elapho esithubeni uyabhadula de abone imizi. Udibana namakhwenkwe afunisa ngethole lenkomo athi kuba ebelibonile athathe isigqibo sokuzenzela imali ngokuzenza igqirha.
- Lakuphumelela elo qhinga limenza abe nemfuyo, abe yindoda enemali.
- Uthi elapho eKnysna afikelwe ziinkumbulo akuba eve intshumayelo, nkumbulo ezo zimenza athathe isigqibo sokuba agoduke. Isigqibo sokugoduka simenza athi akufika ekhayeni lakhe, acinge ngokuqhuba nezifundo zakhe.
- UFikizolo uthi esiphikisa esi sigqibo sikaThole ngelithi makathathe umfazi kuba mdala ukuba angaya esikolweni kodwa azimisele ukungajiki uThole kwesi sigqibo sokubuyela esikolweni. Kuthe kanti esi sigqibo sokuya esikolweni siza kumnceda ekuqaqambiseni iziphiwo anazo, esokuxoxa nesokushumayela.
- Ezi ziphiwo ezo zimenza indumasi esikolweni eNxukhwebe, agqwese ngobukrelekrele.
- Idumasi lakhe lihamba liye kuma eFort Hare. Ngenxa yesi sigqibo sokubuyela esikolweni uba yindumasi de aphume nakumaphephandaba.
- Esesikolweni njalo, uthatha isigqibo sokusabela ubizo lobufundisi. Kolu bizo lobufundisa uba ngumfundisi oqaqambileyo.
- Uthi xa kufunwa umfundisi onokuzenza idini lokuya kusebenza eGeorge Goch, kungekho namnye ovumayo, agqibe ekubeni azinikele aye.

- Isigqibo sakhe sokuvuma ukuya eGeorge Goch simnika udumo abonwe njengegorha ngenxa yemisebenzi athe wayenza neentshumayelo zakhe ezithe zaguqula uninzi lwabantu.
- Esinye seziphumo zokuthatha isigqibo sokuya eGeorge Goch kukubuya ahlangane noyise uMkwayi awayelahlekene naye kudala, ngokuthi uMkwayi akuva idumasi lomfundisi onguMangaliso aye eGeorge Goch apho.
- Isigqibo sakhe sokugqibela sesokuvusa umzi wakokwabo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

9.1 Wayesiya kuqhubeka nokufundela uFikizolo incwadi.√√ (2)

9.2 Wayeyiphiwe nguThozama.√ (1)

9.3 Asityhilela ukuba kungeli xesha lokhanyo apho sekungenelele ifuthe lenkolo yobuKrestu kweli.√√ (2)

9.4 Yimpixano yangaphandle√ kuba la madoda akweli bali lifundwa nguThole ayexambulisana esahluka ngezimvo.√ (2)

9.5 UThole wayenenjongo yokuba abuyele esikolweni.√√ (2)

9.6 Luzobo mayana√ kuba umbhali usivezela ngeentetho zakhe ukuba ungumntu oyithandayo imfundo√/kuba siva kule ngxoxo yakhe noMangaliso ukuba ungumntu oyixabisileyo imfundo.√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

9.7 Akanabunyani kuba uThole waphetha efunde wayityekeza de wangu-mfundisi.√√ (2)

9.8 Kukuba kuCentane kulapho wayezalelwe wakhulela khona√√/Kulapho kukho ikhaya lakhe.√√ (2)

9.9 Ziintshumayelo zakhe awayedume ngazo lo mfundisi.√
Wayesiva kusithiwa lo mfundisi ufana naye.√ (2)

9.10 Ngaba bafana ababesele besuka eGeorge Goch bekwamkhuthaza ukuba naye aye kubona lo mfundisi udumileyo√√/Bona aba bafana babesele besuka eGeorge Goch.√√ (2)

9.11 Ube luncedo uThozama ngokuthi aqaphele ukuba uMkwayi unomkhango osezantsi kwenkaba ofana nokaMangaliso.√√/Ube luncedo ngokuthi abone isiva esisebusweni bukaMkwayi esifana nesisebusweni bukaMangaliso.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

9.12 Ungumlinganiswa oyintloko√ kuba iziganeko ezehlayo zisungulwa nguye√√/ Uliqhubekisela phambili ibali√√/Ibali liqala ngaye, liphele ngaye√√/Unenjongo ethile afuna ukuyifezekisa ebomini kwaye akancami.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

9.13 Isityhilela ukuba ixesha lelangoku/sekungenelele nenkolo yobuKrestu.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

[25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Kule noveli umlinganiswa oyintloko onguMfazwe, ubonakala ethatha izigqibo ezitshintsha ubomi bakhe. Ibali eli luhlobo lwebali olusekelwe kwiintshukumo zabalinganiswa.

- UMfazwe, ezalwa kwikhaya elitsala nzima, phantsi kwedyokhwe yengcinezelo, uthatha isigqibo sokuncekelela imfundo.
- Esi sigqibo siyabutshintsha ubomi bakhe ngakumbi akuba sedyunivesithi kuba uvuleka amehlo malunga nemiba yengcinezelo efuna abantu abamnyama bahlale enkunkumeni.
- Wenza isigqibo sokuthatha uxanduva lokuvula amehlo abantwana abafundisayo ukuze bazi amalungelo abo, sona simenza abonwe njengonyola umbuzo nkqu nazezinye iititshala.
- Ekuhlaleni uthatha isigqibo sokuzibandakanya nemibutho yezopolitiko ehlumayo, oko kukonke kukhokelela ekubanjweni kwakhe avalelwe.
- Ngelixa avalelweyo kusasazwa iindaba zokuba ungungcothoza, nguFriday namahlakani akhe, oku bekwenzela ukuba angafunwa mntu kwaQaka. Iziphumo zoko uthi sele phumile etrongweni afike ebuzwa ngabantu ngobumpimpi oku kumenze athathe isigqibo sokuzinxwema kubantu bakwaQaka ababona bengamfuni.
- Akufika umzi wakokwabo utshiswe ngamapolisa nooFriday, uthatha isigqibo sokulala kwaGaba apho ababona ngqo ooFriday beceba ukumbulala. Uthatha isigqibo sokuhlamba igama lakhe ngokutyhila ooFriday elubala kodwa nalapho angalungi. Uthi seye entlanganisweni ngeliya kuveza abona ngcothoza suka ahewulwe nguFriday emkhwaza ngobuqhimgqoshe, aphele ebethwa egxothwa. Uphela ebhacela kwamalume wakhe, apho aphinde aye kugqogqwa khona ngamapolisa kodwa asinde nangoko ekubanjweni.
- Mhla abhaqa abantu ababulelwe nguFriday, uthi ecinga ukuba ufumene ithuba lokuhlamba igama lakhe, suka aboniswe ingozi akuyo nguMfundisi uHlathi, anyanzeleke enze isigqibo sokuwela imida.
- Esi sigqibo sitshintsha ubomi bakhe mpela kuba uba sisibhadubhadu esihamba siphepha amapolisa. Kolo hambo unyanzeleka enze izigqibo namacebo okuzama ukuzisindisa.
- Endleleni eya eThongo ugqiba ekubeni yakuma itreyini ingabhungisanga kwanti, makaphume ngefestile. Esi sigqibo simsindisa ekubanjweni ngamapolisa, kwaye sitshintsha izicwangciso zendlela yakhe ebiza kunqumla eThongo.

- Oku kuphuma kwakhe etreyinini ngelokuzisindisa kutshintsha izigqibo zendlela abebegqibe noMzolisi ukuba ahambe ngayo.
- Ugqiba ekubeni anqumle entabeni apho ahlangana noMzingeli omnqandayo ngelithi makajike kodwa azimisele ukubheka phambili ngohambo lwakhe.
- Isigqibo sokutsiba imida sibutshintsha ubomi bukaMfazwe obeyititshala abeyimbacu elala ezindle.
- Uthi sele ebanjwe ngamajoni akhokelwe ngooNyama, ebethwa, kodwa eme kwisigqibo sokuba akabuyi ngamva, azilwele.
- Uthi exelelwa nguNyama ukuba indlela eqhubekayo ukusuka kwinkampu abakuyo edlulela eMthontsi ikukufa kuye kodwa eme kwisigqibo sokuba uyaya.
- Akuphumela kuwo onke amanzithinzithi de alimale ngokudutyulwa emlenzeni, ude afike eMthontsi.
- Elapho eMthontsi elubhacweni, uthatha isigqibo sokuba aqhubeke afunde izifundo zomthetho, de aziphumelele.
- Esi sigqibo sokufunda umthetho elubhacweni siyabutshintsha ubomi bakhe, simbeke kwinqanaba eliphezulu kuba uthi ebeyititshala, azibhaqa sele eyijaji echophele ityala likaFriday kuMzantsi Afrika omtsha.
- Isigqibo sikaMfazwe sokuya elubhacweni ngelilwela inkululeko simncedile kuba impumelelo yedabi lenkululeko imenze wasemaqhuzwini wabonwa njengeqhawe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 UCikizwa wabaluncedo kuMfazwe ngokumkhulisela uZubuye, wayeseselubhacweni uNokuzola sele eswelekile.√√ (2)

11.2 Ungumchasi√ kuba ujijisana noMfazwe oliqhawe elilwela inkululeko yomntu omnyama kwingcinezelo.√ (2)

11.3 Yinjongo yokugquka umkhondo wokuba inguye impimpi yamapolisa, ufuna ukuba abantu bacinge ukuba nguMfazwe√√/Kukunameka uMfazwe ngobumpimpi ukuze angafunwa ngabantu bakwaQaka√√/Kukulwa nomzabalazo egameni likaRhulumente.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.4 Kukubulawa ngokudutyulwa kwabantwana besikolo√/Kukudutyulwa kwabantu ababenze umngcelele befuna ukuqonda ngokufa kukaKK√/Kukutshiswa kwekhaya likaMfazwe√/Kukubulawa kukaKK ngamapolisa etrongweni√/ Ukulwa kwabantu bakwaQaka namapolisa. √
(Nasiphi na isibini.) (2)

11.5 Wayesoyika ukuba uFriday ityala labantu awababulalela kwiCressida alisulele kuye√√/Ubaleka ukubanjwa ngamapolisa emva kokuba enegazi labantu ababulewe nguFriday.√√ (2)

11.6 Saba luncedo kuba kwindlela eya eNkwankca amapolisa ayevingce indlela alibala kukuhleka ubufutshane bakhe akamqaphela uMfazwe.√√ (2)

11.7 Luzobo-ngqo√ kuba umbhali umchaza ngokwakhe uCikizwa ukuba uyintombi yenkosi√√/ kuba siva ngombhali ukuba uzalwa ebukhosini uCikizwa.√√ (3)

11.8 Asityhilela ixesha√ nendawo eliqhubeka kuyo ibali.√ (2)

11.9 Yabusindisa ngokukhokelela ooNtshebe kwindawo awayelele kuyo uMfazwe engekho zingqondweni, baza bambona bamsindisa.√√ (2)

11.10 UMzolisi wamxhobisa ngolwazi aludingayo uMfazwe ngokwezopolitiko√√/ Wamnika imali waza wamcebisa malunga nendlela yokutsiba imida aye eMthontsi.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.11 UMfazwe waququzelela ukuba amakhwenkwe angalukanga aluswe√√/ uMfazwe wakhuthaza ukuba abantu bangahlali nje bafunde.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.12 Yimpixano yangaphandle√ kuba uNtshebe noNyama bangquzulana ngezimvo, malunga nokuba uMfazwe ahlale eMthontsi√/kuba uNtshebe noNyama ababoni ngaso nye malunga nokubaluleka kobukho bukaMfazwe eMthontsi.√
(Nayiphi na kwezi.) (2)
[25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubhrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga

- Ewe liyinene eli qhalo lithi 'ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga', eli qhalo lithetha ukuba into okanye umntu kufuneka ayijonge nzulu ayazi nzulu aqiniseke phambi kokuba athathe isigqibo ngayo angakhohliswa yinkangeleko yayo yangaphandle.
- Kwintsomi yeenyamakazana. Zazinentsimi yazo ezaziyilima ziyihlakule zaza zaqaphela umsi apho kwabonakala ukuba ukhona omnye umntu osentsimini.
- Zacinga icebo zaze zagqiba kwelokuba kubekho oya kuhlola, kwaqala uMvundla nanjengesilwanyana esithenjiweyo ngamaqhinga nokuhlakanipha. UMvundla obuthenjiwe, uthe wakuva ilizwi elikhulu lesilo eso, wabaleka wagqotsa.
- Zagqiba izilwanyana ukuba kuye uMfene naye umfo wayethenjwe ngelizwi elikhulu kunye namandla, kodwa naye akuliva elo lizwi likhulu, wagqotsa ukubaleka. Zathunyelwa nezinye kwada kwashiyeka uFudwazana kuba engabonelwa ntweni.

- Kwabakho impikiswano kwakusala uFudwazana, ezinye zisithi makuye yena, ezinye zingavumi zimdelile zisithi akunakuthi koyike izilwanyana ezikhulu nezihlakaniphileyo, ze yena fudwazana omncinci nojongelwe phantsi akwazi ukumelana neso silo sasivakala sisikhulu. Zathi zakumbona ezinye ezwabuluka elungiselela ukuya zamnqanda zimsizela zifuna ukuqonda ukuba uza kuya kuzibulalisa kuba wayengenawo namendu okubaleka.
- Akazange abamamele uFudwazana warhoqoza waya, wathi akuva ilizwi elikhulu leso silo, endaweni yokuba agqotse njengezinye izilwanyana, yena wabheka phambili. Wasondela kuso sathi xa sizama ukuphendula okwesibini, wakhwela kuso wasikhama sada safa.
- Wathi ukuba abone usigqibile wavuma ingoma yoloyiso echaza ukuba usibulele, kuba edeliwe zange zimkholelwe ezinye izilwanyana, zabaleka zaya entsimini ukuya kujonga ukuba unyanisile na. Zafika zamncoma ngobugorha zimtyibela. Wahlonipheka ukuqala loo mini uFudwazana kuba yena wasebenzisa ubukrele-krele bengqondo kuba ezazi emncinci akazange azithembe ngazigalo. Izilwanyana zamvuma ukuba usesona silwanyana sinengqondo ukodlula ezinye.
- Oku kuyangqina ukuba musa ukumdelela umntu ngokumjonga nje mnike ithuba azibonakalise.

Ukunxulumana kweqhalo 'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga' neqhalo 'Imbovane iyalithwala inyiki.'

- La maqhalo ayazalana kuba eli lithi 'Ungabokudela umqulu iiyadi ungazi-balanga' lisisilumkiso sokuba umntu amjonge ngokwenkangeleko yangaphandle omnye umntu okanye into aze acinge ukuba uyayazi ngokupheleleyo okanye ayidelele. Kuxhaphakile ukuba lisetyenziswe xa kubhekiswa emntwini odelela ajongele phantsi omnye umntu, okanye imeko abe engamazi okanye engayazi kakuhle, eyicingela.
- Kanti eli lithi 'Imbovane iyalithwala inyiki', lona lithetha ukuba abantu abadelekileyo ngokomzimba nangokwengqondo bayakwazi ukwenza imisebenzi emikhulu. Imbovane incinane injalo iyalithwala inyiki lilikhulu ilise emngxumeni wayongoyisakali.
- Anxulumene la maqhalo mabini kuba agxininisa ukuba into umntu anakho ukuyenza ayixhomekekanga kwinkangeleko yakhe yangaphandle.

Ukubaluleka kwengoma nemisebenzi yayo:

- Kuncwadi lwemveli ingoma idlala indima enkulu. Ingoma entsomini isetyenziselwa ukuvuselela nokugcina umdla kubaphulaphuli. Ngakumbi kuba ikakhulu zikholisa ukwenziwa ngoomhakhulu besenzela abantwana. Kunjalo nje amaxesha amaninzi akuyiqala umbalisi, nabaphulaphuli bayangenelela. Kungoko kwiintsomi wonke umntu ekwazi ukuthabatha inxaxheba. Ingoma ivunywa ngabalinganiswa entsomini ukugqithisa imiyalezo, ukuphalaza intlungu, nokudiza iimvakalelo ngokubanzi.
- Umzekelo; ingoma kaFudwazana iyingoma yoloyiso kule ntsomi yeenyamaka-zana. Inamazwi adlulisa umyalezo kwezinye izilwanyana ebezingamthembanga zimdelela ukuba woyisile. Ikwavakalisa imbilini yakhe malunga nokudelelwa kwakhe, kanti ikwadiza uvuyo lokoyisa isilo ebesisoyikwa zizo zonke izilwanyana.

Imisebenzi yeengoma zakwaNtu gabalala:

Iingoma ezingentlungu – xa umfazi ebethwe yindoda yakhe uyakwazi ukuvuma ingoma ukuveza intlungu akuyo.
Iingoma zomtshato – xa ababini bezimanya ngeqhina lomtshato kuvunywa ingoma yolonwabo ukuvuyisana nabo.
Iingoma zokuvuna ukulima nokufula – xa abantu besenza umsebenzi othile bavuma ingoma ukuze umsebenzi ube khaphu-khaphu.
Iingoma ezikhalazayo – xa abantu abathile kukho into abangonelisekiyo yiyo baye bakubonakalise oko ngokuvuma ingoma equlathe isikhalazo sabo.
Iingoma zolonwabo – xa udidi oluthile lwabantu luhlanganisene kwindawo ethile luvuma ingoma yolonwabo.
Iingoma ezingomzabalazo – olu didi lwengoma luvunywa xa kuhlangene abantu abanomfutho wezopolitiko.
Iingoma ezingeziyalo – ezi ngoma zithi zivunywe xa kuyalwa, umzekelo ukuyalwa kukamakoti xa efika emzini.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 Isivula-ntsomi√/Ixesha eladlulayo lokubalisa√/Inamanqanaba esakhiwo sebali √/Kusetyenziswe isimntwiso.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

13.2 Zisakuba ziyifakelwe imibala eziyikhethileyo azisayi kuphinda ziyijike.√ (1)

13.3 Njengomlinganiswa onobulumko√/Njengomlinganiswa okrelekrele√/ Njengomlinganiswa okwaziyo ukucingela ingomso√.
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.4 Zadyuduzela zinexhala lokuphela kwemibala zakubona ingwe izidla ngawayo.√√ (2)

13.5 Ingwe idla ngamabala.√ (1)

13.6 Asikho isilwanyana esidalwe safana nesinye ngokupheleleyo√√/Yeyokuba izilwanyana azifani ngokupheleleyo√√/Izilwanyana zakuhlala zinazo izinto ezahluka ngazo.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.7 Ayejonge ukukhetha imibala eza kuba lukhuseleko kuwo.√√/La masele ayekhetha imibala eza kusindisa wona nezizukulwana zawo kwiintshaba.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.8 Yimpixano yangaphakathi√ kuba ziyabethabethana iingcinga kulovane ukukhetha umbala.√ (2)

13.9 Uphele engenambala ungowakhe, koko efana nombala waloo ndawo akuyo.√√/Kwaphetha lonke usapho lakwalovane lungenambala ungowalo, lusiba nombala waloo ndawo likuyo.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.10 Ukungathathi zigqibo ebomini kukubeka engxakini√√/Izigqibo azithathayo umntu zichaphazela abo basondeleyo kuye.√√/Ukungakhawulezi uthathe izigqibo kuba luncedo.√√ (2)

13.11 Umqolo wesi-2 usisikhahlelo esixela ukuba ngubani lo ubongwayo√ kanti umqolo wesi-3 uchaza imvelaphi yakhe ngokomnombo√/kanti umqolo wesi-3 uchaza isiduko sakhe.√ (2)

13.12 Siphuhlisa ukuba unoxanduva lokukhokela amaRharhabe√√/siphuhlisa ukuba amaRharhabe axhomekeke kuye.√√ (2)

13.13 Lusetyenziselwe ukudala isingqi sombongo.√ (1)

13.14 Sisibongo√/Ngumbongo womthonyama√ kuba kubongwa ikumkanikazi yamaRharhabe uNolizwe.√ (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA

UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Ingxoxo sisesinye sezixhobo eziphambili zedrama. Isisixhobo sokutyhila izimo zabalinganiswa, ukudandalazisa imo, nomoya webali kunye neemvakalelo, iingcinga nezimvo zabalinganiswa. Ngalinye, ingxoxo kunokuthiwa sisiseko sedrama. Nakule ncwadi ithi, 'Buzani Kubawo', njengencwadi eyidrama, umbhali uyisebenzise ingxoxo ukutyhila izimo zabalinganiswa. Umlinganiswa onguGugulethu, isimo sakhe umbhali usityhile ngamazwi akhe, aqulathe iingcinga, izimvo neemvakalelo zakhe.

Ukusetyenziswa kwengxoxo njengesixhobo sokutyhila isimo somlinganiswa onguGugulethu:

- UGugulethu uvezwa ngumbhali njengetyendyana elisaze ngobuso ezweni, kwaye onothando osanambitha impilo yobufana bakhe, oku kuvela xa ethetha noMzamo ongumhlobo wakhe esenjenje, 'unyanisile ukuthi awulazi, eneneni andizange ndithethe ngalo mntwana kuwe ... Lo mntwana sasifunda kunye kwaBly. Ndaqala ukumbona apho, ndamthanda, ndamthanda ngolona hlobo lungathethekiyo'.
- Ungumntu onendlela ekhethekileyo yokuchonga amagama xa ethetha nentombi ajonge ukuthimba intliziyo yayo, mve xa esithi, 'wena Jola uthi 'ndiza'. Mna akuhli ngoku ukutya endikutyayo. Andithethi bona ubuthongo, ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke, ngoku into eseleyo ngamashwa ukuba abe phezu kwam ngenxa yakho.
- UGugulethu ungumntwana obathobeleyo abazali bakhe, oku kuvela kwingxoxo athe wanayo nabo xa uZwilakhe embuza ukuba ucinga ntoni ngokutshata. Impendulo kaGugulethu ithi, 'Kaloku mna ndijonge kuni, akukho nto ndinokuyenza de ndive ngani. NgokukaGugulethu kubalulekile ukuba afumane imvume kubazali bakhe kuqala.
- Oku kuthobeka kwakhe akahlukananga nako nangona engahambisani nesigqibo sikatata wakhe sokumbonela intombi amakayithathe, uphendula enjenje, 'Noko bobawo le ndawo yokubona bendicela ukuba niyiyekele kum, ningade nixambulisane ngayo kakhulu'.
- Uthi uGugulethu akuzama ukucela kuyise ukuzibonela intombi amakayitshate, amise ngesiko uZwilakhe, apho amxelela ngqo ukuba yena akazi kwaphula siko uGugulethu oko ukulandelisa ngala mazwi alandelayo athi, 'uthi akwaphuli siko utsho ulikroboza, into ke leyo endingayingene'.

- Akufumanisa ukuba uZwilakhe akajiki kwisigqibo sakhe sokumbonela intombi, uzama ngazo zonke iindlela ukumbonisa imposiso ayenzayo, oku ukwenza ngokumkhumbuza ngamazwi 'okufunza' awakhe wawathetha mhlana babeshukuxa lo mcimbi wokubonelwa. Nangona ubunzulu bempendulo kaGugulethu ethi makubuzwe kuyise ibibonisa ukungoneliseki nokungayingeni le nto yokubonelwa intombi, uGugulethu khange agqushalaze uye waqhubeka ukuthobela abazali.
- UGugulethu ungumntu onomqolo, akajiki kwisigqibo sakhe nangona enyanzelwa ngabazali bakhe, uthando amthanda ngalo uNomaMpondomise uzimisele ukuba alunakujikwa nto, oku ukubonakalisa ngamazwi athi, NomaMpondomise sthandwa! NomaMpondomise Sthandwa! Wena ungowam, we-e-ena ungowam, andiboni wumbi!
- Uthando analo kuNomaMpondomise nezigqibo ezithathwe ngabazali bakhe uGugulethu ziyamjika zimenza mntu wumbi, ubonakala njengomntu oshiywa ziingqondo, oku kubonakala xa ethetha nomhlobo wakhe uMzamo engamazi nokuba ungubani na.
- Ungumntu ongafuni kuzenza ixoki kuba ngexesha etshatiswa ngumfundisi ecaweni, iimpendulo zakhe azijiki umi ngelokuba makubuzwe kuyise endaweni yokulandela izifungo zomtshato. Usebenzisa izikweko ezininzi ukuzama ukutyhila olu dandatheko lwale ntliziyo yakhe apha kumfundisi.
- UGugulethu uyakwazi ukumcingela omnye umntu kuba uthi xa abona uNomaMpondomise enkundleni yamatyala esiva nobuhlungu athe wabuzisa empilweni yakhe, atyhila udandatheko olumandla, uthetha enjenje; 'Buzani kubawo'. Bawo! Bawo! Uyawabona na la masikizi? Kowu undenzile! Walenza nesikizi.
- Akufumana isigwebo sakhe uGugulethu ubonakalisa ukusamkela kwaye wenza nombulelo esitsho esithi simfanele, esi senzo simveza njengomntu oyibonayo imposiso ayenzileyo kwaye evuma ukuba wonile.
- Ungumntu ongenabundlongondlongo. Oku kuvela ngexesha kufika ooNyaniso bethunywe ukuza kumlanda, ndaweni yokuba ndlongondlongo usuka abacacisela mhlophe ukuba soze agoduke kuba akanakhaya. Utsho ebakhumbuza ngamazwi ayethethwe nguNomaMpondomise athi, 'kugqityiwe', ebacacisela ukuba wathi akuphuma lo 'kugqityiwe' kwintombi kaLangeni naye wangqina wathi 'kugqityiwe', kwathiwa ezulwini Amen.
- Ngumntu okholwayo kuba uvela njengomlinganiswa okholelwa ukuba ingxaki iyalunga ngomthandazo. Oku kuvela xa endulula ooNyaniso abonakalisa ukuba akasokuze alubeke olwakhe unyawo kowabo esaphila, ude abacele ukuba bambulisele kubazali bakhe kwaye abacele ukuba bamthandazele.
- Unempoxo kuba akufika uThobeka nabantwana bakhe eMthatha, uGugulethu uyambuza ukuba uThobeka uyaphi, konke oku ukwenza ngendlela ephoxisayo mve xa angcambazisa uThobeka ngemibuzo esithi 'Ude wathi uyaphi na ntombi yasemaBheleni?'
- Umbhali usiveze isimo sikaGugulethu ngokusebenzisa amazwi achongiweyo kuzo zonke iingxoxo zakhe kule drama.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa

15.1 UNomaMpondomise ubhekiselele kwisicelo sikaGugulethu sokuba avume uthando lwakhe.√√ (2)

15.2 Ngamashwa aqale ngokungaphumeleli komtshato wakhe noGugulethu ekubeni ekhuphe iinkomo zikaMcunukelwa, waphela ezibulala ngokuzintywilisela emlanjeni.√√ (2)

15.3 Lulwimi olucengayo, umbhali uzama ukuveza indlela awayezithobe ngayo uGugulethu ngexesha esenza esi sicelo kuNomaMpodomise.√√ (2)

15.4 Kukumcenga√/Kukumthomalalisa√/Kukuzama ukufikelela ngqo entliziyweni yakhe.√ (1)

15.5 Ingxaki akuyo uNomaMpondomise yeyokuba sekukho isoka esele licele ukumtshata, kwaye sele lifake neenkomo. (2)

15.6 UGugulethu uzotywe njengomlinganiswa onothando olunyanisekileyo√/ Uzotywe njengomlinganiswa ongajikiyo kwisigqibo sakhe.√ kuba akaqali kubhekisa esi sicelo kuNomaMpondomise.√ (2)

15.7 Kukuvunywa kukaGugulethu nguNomaMpondomise ngencwadi.√√ (2)

15.8 UNomaMpondomise ubhekisa la mazwi kuba enethemba lokutshatwa nguGugulethu.√√ (2)

15.9 Yimvakalelo yodano olukhulu sesi senzo sikaNomaMpondomise.√√
Yimvakalelo yentliziyo ebuhlungu ebangwa sisigqibo sikaNomaMpondomise.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

15.10 Unguvalithuba√, kuba indima ayidlalayo encwadini ayingakanani Uvezelwa nje ukuphuhlisa iinjongo ezithile. √ (2)

15.11 Amazwi kaNomaMpondomise avuselela ingcinga yomntu ongajikiyo kwisigqibo asithathileyo.√√ (2)

15.12 Umtshato kaGugulethu noThobeka wesinyanzelo uphele uyinyhikityha yokufa.√√/Ukutshatiswa ngenkani kukaThobeka noGugulethu kube neziphumo ezimanyukunyezi.√√ (2)

15.13 Likwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba kulapho uNomaMpondomise akhupha iinkomo zikaMcunukelwa kuba ecinga ukuba uza kutshata noGugulethu.√√ (2)

UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INDLAL'INAMANYALA – M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezingongoma zilandelayo:

Ingxoxo isisesinye sezixhobo eziphambili zedrama. Isisixhobo sokutyhila izimo zabalinganiswa, ukudandalazisa imo, nomoya webali kunye neemvakalelo, iingcinga nezimvo zabalinganiswa. Ngalinye, ingxoxo kunokuthiwa sisiseko sedrama. Nakule ncwadi ithi, 'Indlal' Inamanyala', njengancwadi iyidrama, umbhali uyisebenzise ingxoxo ukutyhila izimo zabalinganiswa. Umlinganiswa onguMaGatyeni, isimo sakhe umbhali usityhile ngamazwi akhe, aqulathe iingcinga, izimvo neemvakalelo zakhe.

- UMaGatyeni uzotywe wangumfazi ongqibayo kwaye othanda ukusizelwa. Usokola ngokufanayo noMamQhinebe kodwa uphinde ayokukhathaza lo MamQhinebe efuna ambonelele ngento esiwa phantsi kwempumlo, kwaye Abantwana bakhe ubenza uxanduva lukaMamQhinebe, mve xa esithi; 'Ndincede ngecephe leswekile wethu Qhinebe, uNondlela akwazi ukulumela lo mphokoqo ngamanzi aneswekile'.
- Intsokolo yakhe imenze umntu olula odelekileyo kuba uMamQhinebe uthetha nantoni na afuna ukuyithetha kuye. Oku kudelwa kwakhe nguMamQhinebe kuvela kula mazwi, 'MaGatyeni, uyandijoyina kule nto okanye akundijoyini? Ndifuna uhayi no-ewe qha. Kwakho, ukudelwa kwakhe nguMamQhinebe kuvela kula mazwi, 'Phambi kokuba uthi mandiphume kweli tyotyombe uthi yindlu xa uliteketisa, uze uncede ke ntomb' enkulu ubuyise iswekile yam ubuyise imili-mili yam, umngqusho wam, ubuyise isuphu yam, ubuyise amagqabi eti am, ubuyise imali yam …
- Akanambulelo uthetha kakubi ngoMamQhineke kuSphokazi. Mve esithi 'Hayi, ndiyakrokra uMamQhiebe uhlala eligcinile eli phepha libnale ntsilikihlana yale milimili. Uhlala eligcinele mna okanye abantu abanjengam lo, abasoloko beziznekenana ezihamba zikruqula abantu ngokucela.'
- UMaGatyeni akanamqolo kwakhe kubonakala ngexesha edelele ishishini lakhe lokuthengisa erenkini adlwenguleke ngokukhawuleza licebo elingalunganga eliza noMamQhinebe. Amazwi kaMaGatyeni athi, 'Kwowu! Kazi ukuba isingisa phi na le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi, Bawo onamandla onke? Uze undikhumbule Bawo xa ndiza kuhamba indlela endingazanga ndayiphupha nokuyiphupha aph'ebomini bam' angqina ukuba ulikholwa kwaye nangona evumile ukungena kulo mgibe kaMamQhinebe usathembele eNkosini.
- Akakwazi kuthabatha isigqibo, uyalibona ukuba eli cebo likaMamQhinebe nangona ebubona ubungozi beli cebo. Ulothuko abe nalo akuziva ezi ndaba kububonakalisa mhlophe obu bungozi. Uthi sele ethathe isigqibo efunga kananjalo ukuba sokuze ajike kuso, agqibele nangokugxotha uMamQhinebe endlwini yakhe, suka izinto zajiya, uMamQhinebe uthi makabuyise zonke izinto abesakumnceda ngazo yonke le minyaka. Uphinda athi, 'Okukhona ndiya ndicinga ngeli cebo likaMamQhinebe, ngabula yena athi licebo ke phofu, kokukhona ndiya ndixakwa ngokuxakwa'.

- Usebenzisa amazwi athi, 'Hayi ndixolele mfazi. Ndixolele ukuba ndide ndiye kutshona engcwabeni ndisidla lo mphokoqo wakwam kunokuba ndityebe ngokuthengisa iintsana zabantu. La mazwi ambonisa njengomntu onaso isazela kwaye oyiqondayo into yokungalungi kwesi senzo.
- UMaGatyeni ukwalikholwa, mve xa ekhumbuza uMamQhinebe ngokholo, usebenzisa umbuzo-buciko othi, 'He mfazindini! Akusamoyiki ngoku uThixo? La mazwi uwasebenzisa ukuvuselela isazela sikaMamQhinebe. Liqala apha ke ukunquma inqatha kuba uMaGatyeni akanazo kwaye engayazi nalapho angazithatha khona ezi zinto. Oku kumbeka engxakini emandla kutsho kumenze angaqiqi nokuqiqa.
- UMaGatyeni endaweni yokuzicebula kule nkohlakalo kaMamQhinebe uye engena nzulu. Akuba ethembise ngokusicingisisa esi sicelo sikaMamQhinebe, uphinda acele imili-mili senzo eso esinika uMamQhinebe amandla ngakumbi. UMaGatyeni uthi akuzama ukumbonisa ubungozi balo msebenzi amise ngemali eninzi abaza kuyenza uMamQhinebe, kwaye utsho eyibethelela into yokuba uThixo uthumele yena ukuba aze kubakhulula.
- Uloyiko lomthetho lukhula ngokukhula kuMaGatyeni, yiva xa athi; 'Sakuthini ukuba sithe sabanjwa sisayongoba ngamathunzi obumnyama nezo ntsana zibiweyo? Ngokwale ntetho uMaGatyeni uyaziveza ukuba ungumntu owoyikayo kwaye owuhloniphayo umthetho kodwa ukwalilo nebhetyebhetye.
- Akananyani kuba xa ehamba kulo mkhuba wokuba iintloko zeentsana uthi entombini yakhe uhamba eMzamba. Kanti ukwayala uMamQhinebe ukuba mabaqinise ukukhonza ukuze lo msebenzi wabo ukhohlakeleyo bawugqume ngeebhatyi zabo zomanyano.
- Zithi zakuvuthwa iziqhamo zemisebenzi yabo, azame ukubaleka uMaGatyeni ashiye uMamQhinebe yedwa ebanjwa ngamapolisa. Esi senzo sibonisa ukungaqini nobugwala bukaMaGatyeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

UMBUZO 17(UMBUZO OMFUTSHANE)

INDLAL'INAMANYALA – M Lamati

17.1 Isithethi sithetha ukuba njengokuba le ntombazana ifuna uncedo kuso, kuza kufuneka nayo imncede.√√ Isithethi sithetha ukuba abantu bayanceda-ncedana, naso ke silindele ukuncedwa yile ntombazana.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.2 Ukuthintwa kwesikhohlela kubonisa isithethi njengomntu onamaqhinga, kuba phambi kokuba aphendule uyayicinga impendulo yakhe. √√ (2)

17.3 Isithethi asinyanisekanga.√ Kuba le ntombazana ayingomntu wokuqala ukuthenjiswa ngolo hlobo.√ (2)

17.4 Kukunyobisa.√√ (2)

17.5 UMaqhikizana unguvalithuba.√ Kuba umbhali umvelise nje ukufezekisa iinjongo ezithile apha encwadini.√√ (3)

17.6 La mazwi amveza njengomlinganiswa obhidekileyo√√/Amveza njengomlinganiswa ongasamkeliyo kakuhle esi sicelo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

17.7 Esi sibini siqeshiwe nguMagrazula, siqeshelwa ukuba abantwana ze babulawe.√√ (2)

17.8 La mazwi avuselela ingcinga yomntu ongenamqolo, kuba ngenxa yokucenga uMamQhinebe uphela esenza isenzo asaziyo ukuba asilunganga.√√ La mazwi avuselela ingcinga yomntu oligwala, kuba ngenxa yokoyika uMamQhinebe uvumela isenzo esibi siqhubeke.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.9 UMamQhinebe uye wamgrogrisa uMaGatyeni emyalela ukuba abuyise zonke izinto zakhe abekade emnceda ngazo. (2)

17.10 Linqanaba lokusonjululwa kwezinto.√ kuba apha izinto ziyajika abenzi bobubi baphela bebanjwa.√ (2)

17.11 Lo mntwana usemqolo kuMamQhinebe ubiwe, usiwa kuMagrazula ukuze enze umsebenzi wakhe ngaye.√√ (2)

17.12 Abenzi bobubi uMamQhinebe noMaGatyeni bayabanjwa ngamapolisa ngenxa yesenzo sabo sokuba iintsana.√√/Kukubanjwa.√√ (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

6.1 ISIHLOMELO A: IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

ICANDELO A: Irubrikhi yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe. **6 AMANQAKU**	-Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe.	-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe.	-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo. -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. -Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe.	-Akanalwazi kwaphela ngesihloko. -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
ISAKHIWO NOLWIMI Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala isincoko **4 AMANQAKU**	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala.	-Bukho ubungqina besakhiwo. -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe. -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga.

QAPHELA: Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe u-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI-INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO **15 AMANQAKU**	**12–15**	**9–11**	**6–8**	**4-5**	**0–3**
	-Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga.	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.	-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. -Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
ISAKHIWO NOLWIMI **10 AMANQAKU**	**8–10**	**6-7**	**4–5**	**2–3**	**0–1**
	-Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene.	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
AMANQAKU	**20–25**	**15–19**	**10–14**	**5–9**	**0–4**

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.